Isalathiso: 20190802-7477
Inombolo yefayili: 13/2/2/2/18
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0007/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Ukulawulwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (Common Assessment Task (CAT)) kwisifundo soLwazi ngezoBomi *(Life Orientation (LO)* kwiBakala 12 ngo-2019

1. IMimiselo i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examinations*, eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 37651 ye-16 Meyi 2014, icacisa imigaqo yamanqaku okupasa okugqibela e-*Life Orientation* (LO) ngokusekelwe kuvavanyo lwangaphakathi, nomalumodareyithwe ngaphandle, kwakunye noMsebenzi woVavanyo okuMgangatho ofanayo (*Common Assessment Task (CAT)*) osetwa umodareyithwe ngaphandle ngokunjalo.

2. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa izikolo ngenkqubo emayilandelwe kulawulo lwe-*CAT* yeSifundo se-*LO* ngo-2019.

3. I-*CAT* yeSifundo se-*LO* yinxalenye yamanqaku okupasa okugqibela kwiBakala 12 yaye e ngoko bonke abafundi beBakala 12 mabayibhale.

4. Umhla wokubhalwa kwe-*CAT* yeSifundo se-*LO* ngowe-**02 Septemba 2019**, ukususela ngo-**09:00** ukuya ku-**11:00**. Nakuphi na ukushenxa kulo mhla neli xesha kuya kuthathwa njengesitenxo esixhomisa amehlo.

5. I-CAT yeSifundo se-*LO* iya kuba nephepha eliziiyure ezimbini elinamanqaku ayi-80. Iya kuthatha indawo yoMsebenzi 4 kwiKota 3 yaye liya kwenza u-20% kumanqaku okugqibela *(final mark)* eSifundo se-*LO*.

6. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe iWCED) liya kuprinta amaphepha emibuzo e-*CAT* yeSifundo se-*LO* abo bonke abafundi kwiphondo ngokwedatha yobhaliso lokugqibela *(final registration data*) echazwe kwi-*Centralised Education Management Information System (CEMIS*) lize liwase kuzo zonke izikolo ezifundisa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate (NSC)).*

7. Amaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo ze-*CAT* ye-*LO* aya kusiwa ngqo ngekhuriya phakathi kowe-27 nowe-29 Agasti 2019.

8. **Iinkqubo emazilandelwe phambi kokubhalwa kwe-CAT ye-*LO***

8.1 Amaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo ziya kupakishwa zize zitywinelwe kwizingxobo ii-*Smartlock (SL) canvas bags* ezimnyama. Izingxobo ii-SL canvas bags ezimnyama zitywinelwe kwiibhokisi zekhadibhodi.

8.2 Kwakufunyanwa amaphepha emibuzo, iinqununu mazikusayinele ukuwafumana amaphepha emibuzo ukuvuma ukuba bawafumene ngokwenene amaphepha emibuzo.

8.3 Inqununu mayizivule iibhokisi zekhadibhodi ngoko nangoko e-ofisini yayo kwindawo enqatyisiweyo ize izikhuphe ii-*SL canvas bags* ezimnyama kwiibhokisi zekhadibhodi.

8.4 Emva kokungqinisisa inani elichanekileyo lamaphepha emibuzo elifunyenweyo, ii-*SL canvas bags* ezimnyama ezinamaphepha emibuzo neencwadi zeempendulo mazigcinwe esefini/kwigumbi elinqatyisiweyo de kufike uviwo ngowe-02 Septemba 2019.

9. **Ukukhutshwa kwamaphepha oviwo ngosuku loviwo**

9.1 Ngosuku loviwo inqununu mayivule izingxobo ii-*SL canvas bags* ezimnyama namaphepha emibuzo kwiyure engaphambi kokuqala koviwo ngowe-02 Septemba 2019.

9.2 Izingxobo ii-*SL canvas bags* mazivulelwe kwi-ofisi yenqununu.

9.3 Isingxobo esingaphandle esinamaphepha emibuzo masithathwe sisiwe kwindawo yokubhalela iimviwo. Zozibini isingxobo sangaphandle nesangaphakathi esinamaphepha emibuzo mazivulwe kwindawo yokubhalela uviwo.

9.4 Uyacelwa usike kumgca oboniswe ngeskere xa uvula isingxobo esinamaphepha emibuzo, njengoko ikwasesi singxobo sinye emasisetyenziswe kwakhona ukutyinwa iincwadi zempendulo.

10. **Ukuqhutywa koviwo**

10.1 I-CAT ye*LO* mayibhalwe phantsi kwesikhokelo esiqhelekileyo nemigaqo emalunga neemviwo ze*NSC*.

10.2 Amagama abafundi abanike izizathu ezisemthethweni zokungabikho xa bekubhalwa uviwo, baya kurekhodwa kwi-*CEMIS* emva kokugqitywa koviwo.

10.3 Kubalulekile ukuba amaxwebhu abubungqina ezizathu ezamkelekileyo zokubangabikho kuviwo mawagcinwe kwifayili esesikolweni yaye mawafumaneke kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili xa eceliwe.

10.4 "Izizathu ezivakalayo" zokungabikho kuviwo ngokwale meko, ziquka oku kulandelayo:

(a) ukugula, okuxhaswa sisatifikethi sokugula esisemthethweni, esikhutshwe ligosa lezonyango elibhalisiweyo (*registered medical practitioner);*

(b) izizathu eziphenjelelwa luvelwano lobuntu ezibandakanya ukuswelekelwa komfundi lilungu losapho elisondeleyo kuye nezixhaswa yikopi yesatifikethi sokusweleka;

(c) umfundi oya kuvela enkundleni yamatyala, yaye oko makuxhaswe bubungqina obubhaliweyo; okanye

(d) nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesizathu esisemthethweni yintloko yequmrhu lovavanyo okanye ngummeli wayo.

11. **Ukutywina nokugcinwa kweencwadi zeempendulo emva koviwo**

11.1 Emva kokubhalwa kwe-*CAT* ye-*LO*, iincwadi zeempendulo mazitywinelwe kwakweso singxobo sangaphandle sifanayo sisetyenziselwa ukutywina amaphepha emibuzo.

11.2 Isingxobo sangaphandle esitywiniweyo esineencwadi zeempendulo masitywinwe/masitshixelwe ke ngoko kwizingxobo i-*SL canvas bags* ezimnyama esefini/kwigumbi elinqatyisiweyo *(safe/strong room)* lesikolo de kuqaliswe ukumakishwa kwawo. **<u>lincwadi zeempendulo ze-*CAT* ye*LO* mazithunyelwe kwaNdlunkulu</u>**.

11.3 Iincwadi zeempendulo ziya kuhlala zikwizingxobo ii-*SL canvas bags* ezimnyama de kuqaliswe ukumakishwa, yaye izingxobo ii-*SL canvas bags* ziya kuvulwa ngalo mhla.

11.4 Ngenxa yokuba **iincwadi zeempendulo zingathunyelwa kwaNdlunkulu**, inqununu mayizitshixe izingxobo ii-*SL canvas bags* ezimnyama ngetywina i-*electronic seal* ngoko nangoko emva kokuba **iincwadi zeempendulo zikhutshiwe kwizingxobo ii-*SL bags*** ukwenzela ukumakishwa kwazo.

11.5 Izingxobo ii-*SL canvas bags* ezitywiniweyo **nezingenanto** mazifakwe kwakhona yaye zitywinwe kwisingxobo sokuzibuyisela (*return bag*) esingwevu nablowu.

11.6 Isingxobo esitywiniweyo esingwevu nablowu sokuzibuyisela izingxobo masigcinwe kwigumbi elinqatyisiweyo de ikhuriya izithathe izingxobo ngowe-18 okanye ngowe-19 Septemba 2019.

12. **Iingxoxo ngesikhokelo sokumakisha**

12.1 Iintlanganiso zeengxoxo ngesikhokelo sokumakisha zikazwelonke, ezephondo nezezithili ziya kuqhubeka ngo-Septemba 2019. Izikolo ziya kufumana isikhokelo sokumakisha sokugqibela kwintlanganiso yeengxoxo zesikhokelo sokumakisha yesithili.

12.2 Iincwadi zeempendulo zinokukhutshwa kwigumbi elinqatyisiweyo kuphela emva kokugqitywa kweentlanganiso ngesikhokelo seengxoxo zokumakisha zesithili.

13. **Ukumakishwa kwe-CAT yeSifundo se-*LO***

13.1 Ukumakishwa kwe-CAT ye-*LO* makuqhutyelwe esikolweni phantsi kweliso lenqununu notitshala oneqhuzu okanye nentloko yesifundo ebambele njengemodareyitha yangaphakathi.

13.2 Inkqubo yokumakisha mayigqitywe ngowe-20 Septemba 2019.

13.3 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye ofundisa i-*LO* esikolweni, iinqununu zimele ukuqinisekisa ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi ababafundisayo.

14. **Ukumodareyithwa kwemaxwebhu omfundi abubungqina**

14.1 Ubuncinane ziipesenti ezilishumi zeencwadi zeempendulo ezimakishiweyo ezimele ukumodareyithwa ngutitshala oneqhuzu okanye yintloko yesifundo.

14.2 UMcebisi weSifundo se-*LO* makamodareyithe isampula yeencwadi zeempendulo kwizikolo ezikhethiweyo.

14.3 Ukumodareythwa kwe-*CAT* ye-*LO* kwiphondo kuya kuqhutywa ukususela ngo-Oktobha 2019.

15. **Ukufakwa kwamanqaku e-*CAT* yeSifundo se-*LO***

15.1 Iimakhishithi ezimbini ezahlukeneyo ziya kukhutshelwa izikolo ukwenzela ukurekhodwa kwamanqaku e-*CAT* ye-*LO*.

15.2 Imakhishithi enye iya kusetyenziselwa ukufaka amanqaku e-*CAT* (amanqaku ayi-80) yaye enye iya kusetyenziselwa ukufaka amanqaku ovavanyo oluqhubekela esikolweni *(school-based assessment (SBA*)) (amanqaku ayi-320).

16. Ziyacelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okubhalwa kolu vavanyo.

17. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beBaKala 12 beSifundo seLife Orientation ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA : 2019-08-22